# U VULINDLELA

XHOSA – Only one way to God

# INDLELA INYE QHA EBHEKA KUTHIXO




"Ndim indlela ndim inyaniso, akukho namnye uzayo kuBawo engezi ngam." *Yohane 14:6*. Zininzi indlela zobuxoki ezinikezelwa ebantwini kule mihla ixakekileyo, abanokuthi ngazo bagqibelele ukuya kuThixo. Embindini wesiphithi-phithi kuyahlaziya yaye kulungile ukuva ngomSindisi wethu omangalisayo uYesu Kristu othi "Ndim indlela"

Ukuba kwakunokuthi kubekho ixesha esithi ngalo siphula-phule kuye lo "Wathethayo ezange athethe" Lo nto ikhangeleka ngoku ngathi lixesha langoku. Akukho namnye onokuthi mhlayimbi akhanyele ukuba sisembindini wamaxesha enkathazo awakha abakhona emhlabeni, kodwa xa uYesu Kristu wathetha lamazwi amangalisayo, kwakungamaxesha enkathazo. Kwabakho inkolo nemfundiso ezathi zafundiswa, kodwa inyaniso isilela. UYesu Kristu wathi kubafarasi ababe ngabehlelo lenkonzo "Bandizukisa ngemilebe yemilomo yabo, befundisa imfundiso eziyimithetho yabantu *Mat. 15:9*.

Ngaphandle kokuthandabuza baninzi abangaqondiyo abasesi fili filini sokungazi kweli hlabathi abafana no Tomas owayebuza umbuzo othi "Singayazi kanjani indlela?" Mhlawumbi abanokuthi babuze ngokukhwaza, kodwa umbuzo uhleli ubuza ezintliziyweni ezixakekileyo lonto ke iyafana nokubuza uthetha ngomlomo. Inye into endiyaziyo edla ngokuthi ihlale entliziyweni yam nasengqondweni, kodwa ndiyabulela kuThixo ngokuba ingasekho entliziyweni yam ngenxa yokuba xa wathi uYesu "Ndim indlela" yandonelisa lonto.

Ukusukela ngoko bathi abantu balahleka ngokulahleka kukaAdam, abantu bazama ngemigudu yabo kunye namacebo ukuba babuyele kuThixo. Abanye bayakumkhanyela lamntu wathi walahleka kuqala. Bathi eyona nyaniso yile yokuba xa umntwana athe wazalwa uzalelwa emhlabeni selehlambulukile ntonje efunekayo bubulungisa njengoko kunjalo, ade akhule. Ngokoke baqhuba ngokwalo ndlela yabo ingento yanto ukwenza lento. Bathi ezintliziyweni zabo ukuba banokuthi babase ecaweni abantwana babaqeqeshe ngohlobo olwaneleyo baze bathi bakuba neminyaka ethile babenze amalungu ecawe, ngalo ndlela ke iNkosi inakho ukuba thabathela eZulwini. Ngoko ke ininzi lento yokuqeqesha abantwana, kodwa ke iyasilela into yokuba bazalwe ngokutsha.

Kakade iyindalo, egqibeleleyo yomntu ukucinga ukuba unakho ukuyisebenzela indlela eya kuThixo. Xa uAdam no Eva bathi bona emyezweni weEden, bazama ukuzixakekisa ngokuzinxibisa ukufihla ubuze babo. Babaleka bezimela uThixo emithini yomyezo. Akuba uAdam onile endaweni yokufuna iNkosi le ayonileyo wabaleka kuyo. Indlela yayinye nje ka Adam yokuba abuyele kuThixo alifumane kwakhona ilungelo lokuphila nelokuma ngobukho bukaThixo UThixo wathatha unyathelo lokuqala njengokuba wayedla ngokwenza njalo uThixo wakhangela ekhwaza uAdam wamfumana ezifihle emithini. "INkosi uThixo yenza izikhumba yabambathisa ngazo *Genesi 3:21.* Uze uyiqaphele ke into yokuba uThixo waqala wafuna, wafumana izinto zokuba nxibisa. Wazifumana wazikhupha izinto zokwambathisa. Apha sibona belungiselela usizi olufanelwe sisihogo.

UYesu Kristu uyimvana kaThixo. NguThixo yedwa aphuma kuye. NguThixo owamthuma ehlabathini. NguThixo owabeka izono zehlabathi kuye imvana yakhe. "Okunene wathwala umvandedwa wethu, wazithabathela kuye izifo zethu watyatyulwa ngenxa yamatyala ethu waba ngobandezelwe nguThixo ungocinezelwa nguye. Kodwa yena wahlatywa ngenxa yamatyala ethu, wacunyuzwa ngenxa yezenzo zethu ezigwenxa, ubetho lokubasinoxolo thina lube luphezu kwakhe, saphiliswa ngemivumbo yakhe. Thina sonke salahleka njengegusha sabheka elowo endleleni yakhe, iNkosi yamvela ngobugwenxa bethu sonke *Isaya 53:4-6.*

Ngamanye amaxesha sikhe sive kuthethwa ngokulahleka ngoAdam, kodwa ukubuya kungoKristu, kodwa ke ukuba sino kuthi siqwalasele kakuhle isibalo esithi, "Kuba uKristu wabuva kakanye ubunzima ngenxa yesono, ilungisa lisiva ubunzima ngenxa yaba ngemalungisa, ukuze asisondeze kuThixo, ebulewe wafa esenyameni kodwa edliswe ubom ekuwo uMoya *I Pet. 3:18.*

Inye indlela eya kuThixo inyaniso kodwa ke lo ndlela asiyiyo inkqubo yolawulo okanye imithetho okanye indlela yokukhokela, kodwa lubabalo lomntu ophilayo owehla evela emaZulwini, owazalwa ngoMoya Oyingcwele. Wahlala ubom apha emhlabeni ngaphandle kwesono, nabo bathi bamphatha kakubi azange bafumane bubi kuye. NoYuda Skariyoti wavuma ukuba ungcatshe igazi elingenatyala *Mat. 27:4.* Ngoko ke sibona owayengenatyala esiva ubunzima njengonetyala uzisa ityala kuThixo, emnika ubume obulungileyo noThixo.

"Inene wonke umntu nakuba emi ungumphunga *Ind. 39:5.* Lento yiyonanto inkulu eqondakalayo elizwini likaThixo kwaye akukho mfuneko yokuba sikhanyele inyaniso yayo. Ubulungisa bethu nazo zonke izinto esizenzayo sizenzela, azinaxabiso, eyonanto ayifunayo kuthi '**kukuqi**niseka yinto esiyifunayo kuye siqiniseka nanga mandla akhe asindisayo.

Abantu abakwimpilo entle abafuni mphilisi kubo, lo nto ke ikunye nobulungisa abazenzelayo, bacinga ukuba abafuni mSindisi, kodwa wathi uThixo. "Yonke imisebenzi yethu iyabuna njengamagqabi iphele." Iyakusenza sibengcono kunamagqabi abunileyo ukuzenza sifaneleke ukuma phambi koThixo. Lo nto ke inoba bubulungisa obugqibeleleyo esinokubufumana kuphela kuYesu Kristu. "Ke niphuma kuye nina bakuKristu, owathi ngenxa yethu waba bulumko obuvela kuThixo, nobulungisa kwanobungcwalisa nentlawulelo" *I Kor. 1:30.* "Ngokuba wamenza wabanesono ngenxa yethu, owayengazani nasono ukuze sibe bubulungisa bukaThixo kuye." *2 Kor. 5:21.* Izono zethu zime phakathi kwethu noThixo, kodwa uYesu Kristu weva ubunzima bamatyala abo, ngokuwathwala ngomzimba wakhe emthini, apho wathi wonelisa uThixo ngezono zethu. Unakho ukubasindisa kanye abo bezayo ngaye kuThixo, ehlala ehleli nje ukuba abathethelele *Heb. 7:25.*

"UYesu ulingqina elithembekileyo *Isityh. 1:5,* Wathembisa ukuba akasoze amlahlele phandle ozayo kuye, *Yoh. 6:37.* Ukuza kuye kuthetha ukuguquka kwizono zakho ucele uThixo ukuba akuxolele akuhlambulule ngegazi lakhe elixabiso likhulu, ukujika umqolo wakho kwizinto zehlabathi neziyolo. Ukunikela ubomi bakho kuThixo nokuba uphilele yena ngokugqibeleleyo. Xa uyamkele iNkosi noxolelwaniso lwayo iya kukunika uxolo, uvuyo kwaye awusayikulamba ulambele izinto zeli hlabathi.

Ngenyaniso inye qha indlela eya kuThixo, mfundi unakho ukuliva ilizwi leNkosi elithi, "Ndim

indlela". Guqa ngamadolo uthethe naye umxelele ngobom bakho, mxelele ukuba ubuhlungu, mcele ukuba akuxolele, abenenceba kuwe, wena moni, ukuba akuhlambulule ngegazi lakhe elixabiso likhulu, ukuba akwenze umntwana wakhe akunike ubom obungunaphakade. Wathembisa ukuba uyakukwenza oku ngoko ke kholwa kuye ukuba ukuvile, yiba nengqiniseko yokuba uwuvile umthandazo wakho nomsebenzi wonke wenziwe. Hamba ke ngoku ungaphinde wone, ukuba uzifumana utyhafile, cela iNkosi uYesu ikomeleze ikunike uloyiso ezonweni. Yaneliseka wenze ubhayi-bhayi kwizinto zehlabathi. Uyakufumana ukuba **iNkosi ayikuniki uxolo nje,** novuyo elingenakho ihlabathi, ukulamkela, kodwa uyakufumana ulonwabo ekukhonzeni uThixo. kuba awuzishiyanga nje izinto zehlabathi, kuba izinto zehlabathi zezomzuzwana ziyedlula, kodwa uThixo akunikayo kokwaphakade.

Khangela kuye ngoku oyindlela, Oyinyaniso, obubom.

### UMKHOHLISI

USathana waqhatha uAdam noEva ngokubanika ubuxoki. Wabanika into engeyiyo eyakhe wabanika intlungu endaweni yovuyo wabanika ukufa endaweni yobom.

### UBULUNGISA OBUNGEBUBO

USathana uyakukunika ubulungisa obungebubo, iingubo ezingcolileyo zobulungisa bakho endaweni yobulungisa bukaYesu Kristu, esibufumana ngokholo kuYesu Kristu. Ingubo eqaqambileyo yelinen kaYesu Kristu yobulungisa bakhe ehlanjwe egazini lemvana uyakuyibeka kude kuwe ngenxa yokuba ifunyanwa ngenguquko enyanisekileyo nangokholo kuKristu uYesu.

### UXOLO OLUNGELULO

USathana uyakukunika uxolo olungelulo ngohlobo lokuba uyakukuxelela ukuba bonke abantu ngabantwana bakaThixo banokuya eZulwini. UYesu wathi kubafarasi "Nina ningaboyihlo umTyholi nenkanuko zoyihlo niyathanda ukuzenza." *Yoh. 8:44.* UYohane umPostile wabhala wathi "Lowo usenzayo isono ungokamTyholi, ngokuba umTyholi wone kwasekuqaleni. Osukuba ezelwe nguThixo akasenzi isono ngokuba imbewu yakhe ihleli kubo, kananjalo abanakona ngokuba bezelwe nguThixo. Babonakala ngalo nto abantwana baka-Thixo nabantwana bakamTyholi. Bonke abangenzi bulungisa ngabakamTyholi, nongamthandiyo umzalwana wakhe. *I Yoh. 3:8-10.*

Sinokuthi sibe ngabantwana bakaThixo ngokuthi sizalwe ngokutsha. Bonke abamamkelayo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana baka-Thixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe, abangazalwanga ngokwenyama nangokwentando yomntu nangantando **yanyama**, kodwa abazelwe nguThixo. Ngaphandle kokuba umntu azalwe ngokutsha akanakububona ubukumkani baka-Thixo. Okuzelwe yinyama kuyinyama, nokuzelwe nguMoya kunguMoya *Yoh. 1:11-13.* Kunye no *Yoh. 3:1-8.* USathana ukuxelela ukuba akukho sihogo, akukho Thixo, akukho mgwebo naluvuko. UMoya Oyingcwele, uMoya wenyaniso, ukubonisa izono zakho, ukubonisa uYesu umthwali wezono, imvana kaThixo ethwala isuse sonke isono sehlabathi.

### UVUYO OLUNGELULO

USathana uzama ngendlela zonke ukukunika uvuyo olungelulo. Uyakukunika iminqweno yenyama. Ezi zinto ke azinakho ukwanelisa umphefumlo. Utywala abunakuphelisa unxano lomphefumlo, abanakho abafazi namadoda ukuphelisa unxano lomphefumlo. UYesu wathi kumfazi ngasemthonjeni waseSamariya, "Amadoda mahlanu onawo nale yesithandathu asiyoyakho." UYesu Krestu wamnika lo mfazi amanzi anakothi



aluphelise lonke unxano lwakhe. UYesu ungumthombo wobomi. Ukuba sisela kumanzi asinika wona, lo manzi ayakuhlala kuthi njengomthombo okhokela ebomini obungunaphakade. Musani ukulahlekiswa bubuxoki bukaSathana ngovuyo olungenanto olusiphelo sisa kwantshabalalo.

## UKHANYO OLUNGELULO

USathana ukhangeleka engowokukhanya, kanti ngowobumnyama. Ukhangeleka ngokwesithunywa sokukhanya. Phambi kokugxothwa kwakhe emaZulwini, wayesesona sithunywa sihle kakhulu, kodwa ngoku akasenjalo. Wazama ukuba enze isono sibe nomtsalane, sibe sihle, ukuze akuhende akubambe, kodwa ukukhanya kwakhe bobobuxoki kukhanya emnyameni kuphela. Xa uYesu, unyana wobulungisa ayokuthi abonakale, konke ukukhanya kukaSathana kuyakuthi kubhange. Xa usekukhanyeni kukaThixo ungathi ububone kakuhle ubumdaka bozuko lukaSathana.

## INDLELA ENGEYIYO

USathana uzama ngendlela zonke ukukhokelela kwindlela engeyiyo. Indlela inye qha ekhokelela eZulwini. Wathi uYesu, "Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubomi." USathana ukuxelela ukuba unayo indlela elungileyo, indlela ebanzi, apho bahamba khona abaninzi, kodwa akakubonisi isiphelo sayo ukuba siyintshabalalo.

"Kukho indlela ethe tye phambi komntu ukanti isiphelo sayo kukufa. Indlela yesidenge ilungile kwawaso amehlo. *Imiz. 14:12, 12:15, 28.* Indlela yamalungisa bubom.

## UBUTYEBI OBUNGEBUBO

Ubutyebi anokuthi uSathana abunike bobenkohliso. Indoda eyayi sisityebi yathi yakhohliseka, ngoba yathi yakufa, yaya kwantshabalalo. UYuda Sikhaliyothi kwangokunjalo wathi wamfanyekiswa ngeponti eneshumi. Walahla uYesu Kristu, waza wathi ngokulahla yena waba ulahla ubomi obungunaphakade, uxolo lwaphakade uvuyo lwaphakade, ubutyebi baphakade. Walahla ubom bakhe, ixabiso lakhe elikhulu kunye nemali yakhe. USathana uyakukunika ilitye athi sisonka akunike unomadudwane athi liqanda, akunike inyoka athi yintlanzi. KuYesu Kristu sinobutyebi baphakade obungenakuze buphele.

Kuninzi ukuthetha kodwa ke oku kwanele ukukuxelela ukuba ulandele umalusi wenyaniso Owabuncamayo ubom bakhe ngenxa yakho. Landela ukukhanya okuyinyaniso, uYesu Kristu. Yamkela uMoya wenyaniso, uMoya oyingcwele, yiba lisebe lomdiliya wenyaniso. Phula-phula kuYesu Kristu, umprofethi wenyaniso, ungaphulaphuli uSathana umprofethi wobuxoki. Guquka kwizithixo ukuze ukhonze uThixo ophilileyo.

Yiba ngumkhonzi onyanisekileyo ungqule uThixo wakho ngoMoya nangenyaniso. UYesu usisonka esilungileyo esanelisayo esinika ubom obungunaphakade.

Musa ukukhohliseka, uThixo asingowokuhlekisa, lo nto umntu ayihlwayeleyo uyakuvuna kwayona.

Musa ukuvumela uSathana akukhohlise konke, kodwa landela uYesu Kristu owathi, "Ndim indlela, ndim inyaniso, ndim ubom."

---

The popular "Heart Book" with its soul-saving message is obtainable in over 500 languages. Many have found salvation even just by looking at the pictures.

Kindly write to us if you are able to assist us with further translations of our free Gospel literature, informing us of the language into which you could translate this Gospel literature. Your assistance would be appreciated.

If you have found salvation in Christ, or have been otherwise blessed through our Gospel literature, please let us know. We would like to thank God with you, and remember you further in our prayers.

For **free** Gospel literature, books and tracts in over 540 languages, write to:
EMAIL: info@angp.co.za
**ALL NATIONS GOSPEL PUBLISHERS**
**P.O. Box 2191, PRETORIA, 0001, R.S.A.**
(A Gospel Literature Mission financed by donations)
(Reg. No. 1961/001798/08)